Isalathiso: 20191015-460
Inombolo yefayili: 13/1/1/2
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0014/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ukwandiswa kwethuba lokusebenza kweSikhokelo sika-2017 soViwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke seBakala 12 ukuya ku-2020

1. Kuyafuneka ukuqwalaselwa kwakhona kweSikhokelo soViwo seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate* (*NSC*) *Examination Guidelines for Grade 12*) emva komjikelo weminyaka emithathu ukulungiselela izilungiso zemigaqo-nkqubo nezinye iinguqu ezingemixholo.

2. ISikhokelo soViwo se*NSC* seBakala 12 saqwalaselwa kwakhona ngo-2017 yaye ngoku siyasetyenziswa. Esi sikhokelo siya **kuhlala sisebenza ngokusemthethweni** yaye siya kuphunyezwa ngo-2020 kuzo zonke izikolo ezifundisa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke seBakala 12.

3. ISebe leMfundo esiSiseko (*DBE*) liya kuthi, nakuba kunjalo, likhuphe isikhokelo soviwo esitsha se-*Business Studies* ne-*Accounting* ngo-2020.

4. ISikhokelo soViwo seSatifikethi seMatriki sikaZwelonke sika-2017 seBakala 12 siyafumaneka kwiziko lewebhu le*DBE* okanye sinokufumaneka ngokungena kule linki ilandelayo: https://bitlylink.com/yqPPP.

5. ISikhokelo soViwo seSatifikethi seMatriki sikaZwelonke sika-2021 siya kunikwa izikolo ngo-2020.

6. Kucelwa wazise le ngcaciso bonke abafundi beBakala 12, ootitshala nabazali ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2019-10-22